

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English / isiXhosa

| EyoKwindla 2018 Ushicilelo 2

## SASSA and Post Office ready for 1 April

**IT'S ALL** systems go for grant recipients with payments on track.

### More Matshediso

The South African Social Security Agency (SASSA) and the South African Post Office (SAPO) are ready to pay social grants to beneficiaries from 1 April without interruptions.

SASSA Acting Chief Executive Officer (CEO) Pearl Bhengu made the announcement when she briefed the media on the state of readiness for SAPO to take over from Cash Paymaster Services (CPS) on paying social grants to beneficiaries.

In the past, SASSA relied on CPS services to pay cash payments, direct deposits and electronic payments.

SASSA and SAPO signed a service agreement in December last year as a partnership to ensure the smooth payment of social grants.

The pilot projects have successfully been implemented since January this year when beneficiaries who receive grants via commercial banks, including Postbank, had money paid directly into their accounts.

According to Bhengu, SASSA has made direct



South African Social Security Agency Acting CEO Pearl Bhengu and South African Post Office CEO Mark Barnes are confident that all social grant will be paid on time.

payments to more than 2.3 million beneficiaries for the month of March, and this number will be increased in April 2018.

She said a total of 5.7 million beneficiaries transacting through the SASSA Payment Card will be paid directly by SASSA without the assistance of CPS in April. This means that approximately 7.7 million of the 10.7 million beneficiaries will be paid directly.

At the moment, approximately 2.8 million benefici-

aries receive their money in cash at SASSA pay points.

SAPO CEO Mark Barnes said the post office will ensure that payments of social grants are uninterrupted from 1 April.

"The testing of the bulk account opening process with a sample of 1 000 existing SASSA beneficiaries data was seamlessly concluded in February," said Barnes.

According to Barnes, the special disbursement account has the following features:

- No deductions
- Three free cash withdrawals
- One free balance enquiry per month
- One free mini-statement per month
- Free full statement covering up to a maximum of three months on demand
- Free first replacement card

### Old SASSA cards valid until September

Bhengu said beneficiaries who are still using old SASSA cards may continue to do so until 30 September 2018.

"We will soon introduce the new SASSA cards via the Post Office and beneficiaries will be informed about the process to be followed," Bhengu added.

She also called on beneficiaries of social grants to ignore agents who claim that the current SASSA card has expired and is being replaced by another card. ▶

Beneficiaries who are not sure about the information being provided should call the SASSA toll-free number on 0800 60 10 11



**MISA is a blueprint for success**

**Page 4**



**KZN's 2020 economic growth targets on track**

**Page 7**



### ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0353

**Free Copy**



# I-MISA yanceda ingcali yezokwakhiwa kweedolophi

**INKQUBO KARHULUMENTE** ayincedisi kuphela ekuqinisekiseni ukuba iziphathamandla zinezakhono ezifanelekileyo kodwa iguqla ubomi bolutsha.

## More Matshediso

**U**kukhulela kwikhaya elihlelekileyo ne-likhokelwa ngumama ongatshatanga ongaphangeliyo kungakwenza uzipidele futhi uzoyikisele kwezinye izinto kodwa okuzange kumthintele uVe- le Mukhodiwa ekuleqeni iphuphalakhe lokuba yingcali yokwakhiwa kweedolophu.

UMukhodiwa, ovela kwi-lali yaseLuheni kuMasipala weNgingqi yaseThulamela eLimpopo, wafumana imfundo yesiDanga kwi-Urban and Regional Planning kwiYunivesithi yaseVenda ngowama-2016.

Ungomnye wabantu abaxhamla kwi-Arhente yeNkxaso kaMasipala yeziSeko zezi-Bonelelo (i-MISA) yeNkqubo yeziThwala-zidanga eziTsha. I-MISA yinkqubo ezamela izi-thwala-zidanga amathuba emisebenzi nawokufuma uqequesho ngomse-

benzi usemsebenzi-ni kwiinkalo ezifunekayo zobugcisa ukuze zibhaliswe njengeengcali.

I-MISA licandelo likarhulumente kazwelonke eliyinxeny yeSebe lo-Lawulo lweNtsebe-nziswano. Yasekwa ngekaCancibe ngowama-2012.

"Emva kokuphumelela ibangale-12 ngowama-2008, ndanyanzeleka ukuba ndibenonyaka endingabhaliswanga ndawo kuwo ukuze ndicebe indlela endiza kuyihlawula ngayo iimali zase-yunivesithi," watsho uMukhodiwa.

Ngowama-2010, wabhalisa kwiYunivesithi yaseRhawutini kodwa ingxaki yemali zange imvumele ukuba awugqibe unyaka wokuqala wakhe waze wanyanzeleka ukuba asiyekie isikolo.

Kunyaka olandelayo, wabhalisela izifundo zeN3 kwi-Electrical Engineering kwikholeji yapha kodwa wakhawuleza waqonda ukuba ezo zifundo

azilobizo lwakhe. Waphinda waqalisa ukuthumela izicelo kwiyyunivesithi ngethemba lokufumana inkxaso-mali yokufunda.

Ngethamsanqa, iYunivesithi yaseVenda yasamkela isicelo sakhe waze waqalisa ngesiDanga kwi-Urban and Regional Planning ngowama-2012.

"IsiKimu sikaZwelonke so-Ncedo IwabaFundu nge-Mali yokuFunda (i-NSFAS) sandihlawulela izifundo zam zonyaka wokuqala yaza i-MISA yandinika ibhasari xa bendisenza unyaka wam wesibini yandixhasa ngolo hlobo ndade ndazigqiba izifundo zam ngowama-2016," watsho.

Ibhasari yahlawula zonke iindleko zakhe zemfundo, kuquka ukuhlohlwa, iincwadi, indawo yokuhlala nokutya.

Ngo-2017 uMukhodiwa waqalisa ngengqesho yoqhelaniso nomsebenzi kuMasipala weNgingqi wasePrince Albert kwiSebe

leeNkonzo zemiSebenzi yeSebe nezoLuntu.

"Akunakuze ushiywile lixe-sha ekufikeni aphi ufunakuba khona ebomini. Ku-funeka wenze konke okuse-mandleni akho ukuguqula iimeko okuzo ngokunjalo uphucule iimeko ophila kuzo," utshilo uMukhodiwa.

Inkqubo yeziThwala-zidanga eziTsha i-MISA ngoku inezithwala-zidanga ezingama-70, kuquka iingcali zokucwangcisa nokwakhiwa kweedolophu neenginqi ezingama-31, ijinjeli zombane ezingama-24, ijinjeli zezokwakha ezili-12 kunye neengcali zezokwakha nabaphathi beeprojekthi abathathu. Bonke bakoomasipala kuwo onke amaphondo alithoba njengenxeneyenqubo.

Intloko yesiGqeba esiLa-wulayo (i-CEO) eliBambela ye-MISA uNtandazo Vimba uthe i-ofisi yakhe iyakuqonda ukuba kukho ingxaki

enkulu yokunqongophala kweengcali ezinezakhono zobunjineli nezokwakha eMzantsi Afrika.

"Asifuni kuphela abantu abatsha abaneziqiniseki-so zemfundo kwezi zifundo, kodwa sifuna ukuqinisekisa ukuba bafumana uqequesho olukumgangatho wehlabathi jikelele kwaye bazingcali ezbhalisiweyo," watsho uVimba.

"Oomasipala banengxa-ki enkulu yokunqongaphala kweengcali ezinezakhono ezikumgangatho ophezulu. Sinoxanduva olukhulu lokuqinisekisa ukuba oomasipala banabasebenzi abazingcali ezinezakhono ezikumgangatho ophezulu, ngokusebenzi-sa amalinge ethu okuxhobisa abasebenzi ngezakhono," uqokele watsho. ▶

Xa ufunu ulwazi oluthe vetshe yiya ku:  
[www.cogta.gov.za](http://www.cogta.gov.za)

# Abazali baza kuzibalula kunyulo Iwee-SGB

**ABAZALI BANETHUBA** lokudlala indima ephambili kulawulo Iwezikolo zikarhulumente ngenjongo yokuphucula umgangatho wokusebenza nokwenza isikolo sibe yindawo ephucukileyo yabantwana babo.

**U**nlyulo lwamaqu-mrhu olawula Iwesikolo (i-SGB) luza kubanjwa ngeyo-Kwindla kwaye abazali bayathundezwa ukuba bathathe inxaxheba ukuze babandakanyeke kwimfundu yabantwana babo.

Unyulo luza kwenziwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente kulo lonke elizwe.

UMphathiswa weMfundu esisiseko u-Angie Motshikga uthethi olu lelona nyulo lukhulu kweli lizwe, ngaphandle konyulo lukanrhulumente weenginqi (oomasipala) nolukazwelone.

"Unyulo Iwee-SGB Iwenzza ukuba uluntu nabahalli bazine beyinxalenye futhi benesabelo kwimfundu yabantwana. Umgangatho wokusebenza wezikolo

ukholisa ukuphucuka xabazali bezibandakanya ngenkuthalo nangomdla kwimicimi yesikolo."

Uthe ii-SGB zinendima enkulu ezifanele ukuyidlala ukuqinisekisa ukuba zonke izinto ezibalulekileyo neziphambili kubo bonke abachaphazeleyo zithathelwa ingqalelo ukuze kulwelwe ukuzalisekisa imibono yabo yeziphumo ezincumisayo zemfundo ezihambelana ngqo neefuno zoluntu nophuhliso loqoqsho.

Ii-SGB zimele bonke abantu abachaphazeleyo nbadlala indima. Aba bantu baquka abazali, ootitshala, abantu abancedisa esiko-Iweni kunye nabafundi. Ixesha elihlalwa ngamalungu e-SGB yiminyaka emitathu.

## Aba bathathi-nxaxheba balandelayo banokunyulwa kwi-SGB:

- Abazali babantwana abakweso sikolo.
- Ootitshala abakweso sikolo.
- Abasebenzi kweso sikolo abangengobahlohlvi.
- Abafundi besikolo samabanga aphezulu.

## Yintoni imisebenzi ye-SGB?

- Umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi esikolweni.
- Ukwenza iziggjibo ngomgaqo-nkqubo weelwimi wesikolo.
- Lintlobo zenkolo eziza kulandelwa esikolweni.
- Ukuqulunqa umgaqo-siseko

wesikolo nenkcazo yomnqophiso.

- Ukuqulunqa imigaqo yokuziphatha kwabafundi ecacisa neenkqubo zoluleko.
- Uhlahllo lwabiwo-mali nolawulo lwemali.
- Ukucebisa ngokuqeshwa kwabasebenzi.
- Ukuhxasa inqununu, ootitshala nabanye abasebenzi.

## Amagunya okulawula izikolo

Umthetho weziKolo zase-Mzantsi Afrika unika ii-SGB amagunya abalulekileyo okulawula izikolo njengenxalye yamaziko abalulekileyo olawulo ngentando yoninzi.

Ngokuzibandalakanayakwinkqubo yonyulo, abazali baqinisekisa ukuba isikolo sisibenzela futhi sinceda abantwana babo.

Nangona kungeyomfuneko ukuba amalungu e-SGB abe neziqinisekiso zemfundo yase-

sikolweni, abazali abanezakhono zobuchule bokugcina iincwadi, ezocwangciso-mali kunye nezomthetho ngokunjalo abo banomdla nabanthando olushushu emfundweni, bayakhuthazwa ukuba bazigqatse kunyulo. ▶